UHlumelo unxiba idyasi yakhe eluhlaza.
Idyasi incinci kuye.





UHlumelo uyithanda kakhulu le dyasi. Idyasi ayisamlingani.

Ukhulile uHlumelo.

UHlumelo udanile. Uxhalabile idyasi ayihlangani.

Ukhulile uHlumelo.





UHlumelo uzama ukudibanisa amaqhosha. Awaqhoboshеki ayaqhawuka.

Ukhulile uHlumelo.

UHlumelo uzama ukuyitsala ayehlise idyasi. Tyhini! Nanko esiwa idyasi yona ayehli.

Ukhulile uHlumelo.





UHlumelo udikiwe ngoku. Idyasi ayisamlingani iyampitsa.

Ukhulile uHlumelo.

UHlumelo udiniwe uyakhefuzela.Unabile usingathe idyasi engamlinganiyo.

Ukhulile uHlumelo.





UHlumelo ucinga icebo  lokuguqula idyasi. Ufuna ukuyiguqula ibe ngumbhinqo idyasi yakhe eluhlaza.

UHlumelo usika idyasi ibe ziziziba. Akugqiba, uyaziguquguqula, azithungathunge azidibanise.





Idyasi yakhe ingumbhinqo ngoku. Uyifakela amaqhosha. UHlumelo wonwabile kwaye wonelisekile.

Umbhinqo uyamlingana.  UHlumelo uyawuthanda umbhinqo wakhe. Umbhinqo wakhe mhle uyamfanela.

